

Ngenye imini uMnu noNkskz Madiswa babesenza isidlo sakusasa ekhithshini. USam wayesegumbini lakhe lokulala elungiselela. ukuya esikolweni. Wanxiba ibhulukhwe yakhe emfutshane engwevu, ihempe yakhe emhlophe, iikawusi zakhe ezingwevu kunye nezihlangu zakhe ezimnyama. UZinzi wangena kwigumbi lokulala.

USam wathi, "Zinzi awunakuya esikolweni unxibe iipijama! Iphi ilokhwe yakho yesikolo? Khawulezisa, kungenjalo siza kufika emva kwexesha."

UZinzi wakhangeleka exhalabile. Wathi, "Sam, andiyiboni ilokhwe yam eluhlaza."

Ingaba iphi? UZinzi noSam bakhangela phantsi kwebhedhi.

Ingaba iphi? Bajonga emva kocango.

Kodwa abazange bayifumane ilokhwe eluhlaza. Usizana olunguZinzi torhwana, lwakhathazeka kakhulu, dewalila.

Kwangoko uZinzi noSam beva ingxolo isitsholo phantsi: "Awu awu". Abantwana bamamelisisa. "Yintoni leyo? Ingathi nguSpoti lowo - uphi?" watsho uZinzi.

"Sh-h-h-h! Masimamele kwakhona." Bamamelisisa baze beva, "Awu awu!" "NguSpoti lowo! Kodwa uphi uSpoti?"

Bamamela kwakhona "Awu awu". Ingxolo yayivela ekhabhathini. UZinzi wabaleka waya ekhabhathini, wavula ucango.

Nanko uSpoti ekhabhathini. Wayelele phezu kwelokhwe kaZinzi! UZinzi wamphakamisa uSpot wamanga. Wayevuya kakhulu.

USam wayiphakamisa ilokhwe eluhlaza kaZinzi wayivuthulula ngolu hlobo. Waze uZinzi wayinxiba kwakamsinyane ilokhwe yakhe. Babhayibhayisa ngezandla kuMama waze ke uMnumzana Madiswa wabakhapha ukuya esikolweni!

Bathe bakufika esikolweni inqununu yathi: "Zinzi noSam kutheni nifike emva kwexesha?"

Liphela njalo ke ibali lethu.

Balisa ibali ngendlela edlamkisayo ukugcina abantwana bemamele yaye benomdla. Yenza intshukumo, sebenzisa izinto neempahla zomdlalo uze ubalise ibali usebenzisa amazwi awohlukeneyo. Buza imibuzo ngolu hlobo: "Niyenza esikolweni ngeepijama? Ningayixelela inqununu ukuba kutheni uZinzi noSam befike emva kwexesha esikolweni?" Bancedise abantwana ukuba babalise kwakhona iindawo ezithile ebalini elingelokhwe, ubancome kwaye uphindaphinde nditsho neependulo ezilula kakhulu. Umzekelo: "Ewe, unyanisile. Bafike emva kwethuba kuba uZinzi ebengayiboni ilokhwe yakhe. Beva uSpoti ekhonkotha baze bamfumana ekhabhathini. Wayehleli phezu kwelokhwe eluhlaza!"

